



Vuk'uzenzele

Iziswa yiNkonzo yezoNxibilelwano neNkqubo yoLwazi kaRhulumente (GCIS) isiXhosa/English

EkaCanzibe 2016 Ushicilelo 1



**Uqoqosho
Iwaselwandle
IoMzantsi
Afrika lize
neebhiliyon
Iphepha 2**



**Izigidi
ezingama-R210
ziza kuphucula
iindlela nebhlorho
zaseRhawutini
Iphepha 5**

**INEZITHUBA
ZEMISEBENZI**

ISebe leMicimbi yezeKhaya lisungula ukufakwa kwezicelo zezazisi nge-intanethi



UMongameli uJacob Zuma kune noMphathiswa weMicimbi yezeKhaya uMalusi Gigaba ngexesa kusungulwa inkqubo i-e-HomeAffairs.

Nonkululeko Mathebula

Sebe leMicimbi yezeKhaya likwenze kwalula ukuba abantu bafake izicelo zamakhadi-zazisi kune neepasipothi.

Abantu abahlala eGauteng naseKapa akusekho mfuneko yokuba beme emigenci ukuze bafake izicelo zamakhadi-zazisi neepasipothi kodwa ngoku bangafaka izicelo nge-intanethi baze bazilande izazisi ezibhankini zabo ngomhlha ochaziweyo.

ISebe lisebenziana neebhanki ezine ezinkulu zeli, ezizezi: Absa, FNB, Standard Bank kune neNedbank, ukuze le nkqubo ye-e-HomeAffairs iphumelele.

Le nkqubo ijolise ekunciphiseni imigca emide kwii-ofisi ezili-140 kulo lonke eli kune nokwenza iinkonzo zeli sebe zifikelele lula.

UMphathiswa weSebe leMicimbi yezeKhaya uMalusi Gigaba uthe uMzantsi Afrika lilizwe lokuqala ukuqala ngenqubo efana nale.

INKQUBO I-E-HOMEAFFAIRS

I-e-HomeAffairs ivumela abantu abaneminyaka engama-30 ukuze kwengama-35 ubudala ukuba bafake izicelo zamakhadi-zazisi kune neepasipothi, bangenise namaxwebhu afunekayo baze bahlawulele ukufaka kwabo izicelo nge-intanethi. Bangenza idinga kune neebhanki abayikhethayo ukuze kuthathwe iifoto zabo

kwaye kunyatheliswe neminwe yabo.

Kwakamsinyane emva koko, kuza kuthunyelwa i-SMS kulowo ufafe isicelo imchazela ukuba angaya kulithatha nini ikhadi-sazisi nepasipothi yakhe. Ixabiso lekhadi-sazisi li-140 leerandi ize ipasipothi ibe ngama-400 eerandi.

Ukuza kuthi ga ngoku ngabantu abangaphezulu kwama-4 000 abasele bebhaisile kule nkqubo.

Ethetha ngethuba lokusungulwa kwale nkqubo, uMongameli uJacob Zuma uthe wonelisekile futhi ekuvuyela ukuphuculwa kwamanyathelo okhuseleko athathwe liSebe leMicimbi yezeKhaya. Utthe ukuqaliswa kwekhadi-sazisi ngowama-2013 ukuze lithathhe indawo yencwadi-sazisi esiluhlaza enebha khowudi yayisisiganeko esikhulu.

"Kusonwabiswa ngokwenene ukuba iibhanki zisebenziana neSebe leMicimbi yezeKhaya. Eli

sebe libaluleke kakhulu ebomini babantu beli kune nabo bonke abahlala kwilizwe lethu," utshilo.

UMongameli uZuma uhlabe ikhwelo kwicandelo lezoshishino lwabucala ukuba lixhase eli sebe kangangoko linakho.

UKUKHUTHAZA EZINYE IIBHANKI ZIZIBANDAKANYE

UMphathiswa uGigaba uthe kwesi sithuba isebe lakhe liza kuthethathethana nezinye iibhanki ukuba nazo zibe yinxalenyel yeli phulo.

"Sizama ukunabisa iinkonzo zethu size sikwenze kube lula ukuba abantu bafake izicelo zabo zamakhadi-zazisi kune neepasipothi.

"Kuyo yonke le nkqubo akusetyenziswa phepha kwaye yinkqubo yekhompyutha ekungekho kungenelela kwamntu kuyo yonke

le nkqubo yokufaka izicelo.

"Ungathema ukuba xa ukhutshelwa ikhadi-sazisi lakho ulinikwa, ixesa elithe laphathwa ngumntu ngalo kungelixa lithathwa lihanjiswa ngemvulophu ukusuka apho belishicilewa khona ukuya kwi-ofisi apho uza kulithatha khona," utshilo uMphathiswa uGigaba.

UKUPHUCULA IINKONZO

UMLawuli-Jikelele weSebe leMicimbi yezeKhaya uMkhuseli Apleni uthe le nkqubo isekwajolise nasekuphuculen iindlela ekusetyenzwa ngayo ngaphakathi kwiSebe.

"Urhwaphilizo beluxhaphake kakhulu kwaye izazisi zabantu bezibiwa futhi zisoloko zisemngciphekweni wokuwela ezandleni ezingafanelekanga.

"ISebe lethu belinxulunyanisa nemigca emide kunye neyure ezininzi ezichithwa ngabantu belinde ukuziswa kweenkonzo. Oko kuye kwasinyanzela ukuba sihambe namaxesha sisebenzise ubuchwephesh obukrelekre nobusetyenziswa lihlabathi liphela.

"Enye yezinto ezincumisayo ngale nkqubo kukuba abemi abakhetha ukusebenzisa le nkqubo akunyanzelekanga ukuba beme emigceni ezi-ofisini, into leyo ethetha ukuba iSebe leMicimbi yezeKhaya liza kukhululeka ukuze likwazi ukujongana ngokukhawuleza nabo bantu bangakwaziyo ukuyisenzisa le nkqubo," utshilo u-Apleni.

Umlali uLungile Maseko waseRoodepoort, esentshona yaseRhawutini, uxelele u-Vuk'uzenzele ukuba uyayivuyela le nkqubo intsha.

"Ndiyavuya kuba urhulumente usoloko ezama iindlela zokuphucula uhanjiso lweenkonzo."

"Nangona ndingenako ukuyisenzisa le nkqubo kuba iminyaka yam ingandivumeli, mandivume ukuba le nkqubo ifaneleko kakhulu. Iza kuluphelisa tu urhwaphilizo kwaye abantu abasayi kunyanzeleka ukuba bacele ixesa emsebenzini ukuya kufaka isicelo sesazisi okanye ipasipothi," utshilo uMaseko.

ISebe leMicimbi yezeKhaya liqinisekile ukuba le nkqubo liza kuyinabisela kulo lonke eli kwaye isiphumo soko kukuba abantu baza kuya kwezi ndawo ukuya kufumana nezatifiketi zokuzalwa nezokuwa.

ULUHLU LWAMASEBE EEBHANKI ASEBENZISA LE NKQUBO

I-ABSA	I-FNB	I-STANDARD BANK	I-NEDBANK
e-ABSA Lifestyle Centre, eCenturion	e-FNB Menlyn, ePitoli.	eStandard Bank, eKillarney, eRosebank	eNedbank, eRivonia, eRhawutini
e-ABSA Towers North, e-Rhawutini	eFNB Merchant Place, eRivonia, eRhawutini	eStandard Bank, eCanal Walk, eKapa	eNedbank, eLakeview, eRoodepoort
e-ABSA Ghandi Square, eRhawutini	e-FNB, eLifestyle Centre, eCenturion		

EZEMPILO

Ukunikela ngelungu lomzimba kungasindisa ubomi

Noluthando Mkhize

UMosa Mphore uthi lifikile ixesha lokuba abemi boMzantsi Afrika bayeke ukukholelwa kwiintsumi ezingakhiyo malunga nokunikela ngamalungu omzimba.

"abantu bathi ukunikela ngamalungu omzimba akulunganga. Bathi oko kunxamnye nenkolo kanye namasiko nezithethe. Bayalibala ukuba xa unika imvume yokuba kuni-kezelwe ngamalungu omzimba wakho unika omnye umntu elinye ithuba lokuba aphile," utshilo uMphore.

UMphore ebethetha neentatheli zika-Vuk'uzenzele esekhayenilakhe eSoweto, eRahwutini. Ububungqina obuphilayo bokubaluleka kokunikela ngamalungu omzimba ukuze unike abanye abantu ithuba lokuphila kakhona.

UKULWELA UKUPHILA

Ngowama-2011 ubomi bukaMphore baguqua ngokukhawuleza xa wathi wagula waze wazifumana esesibhedlele ephakathi kokufa nokuphila.

"Le ntlungu ndiyikhumbula ingathi yinto eyenzeke izolo. Ukugula kwam kwaba ixesha lokudideka kakhulu kum. Ngomzuzwana nje ndandiziva ndiphile qete ndizijikelezela kolandelayo ndizive ndihlamba intliziyo kakhulu kwaye ndiphelelwa ngamandla.

"Ndandisoloko ndilunywa ndigabha ngalo lonke ixesha, kungahlali nto esiswini sam. Oku kwandothusa kakhulu njengendodana esentsha noko ephila ubomi obusempilweni nethatha inxaxheba kwimidlalo emininzi, efana nokubaleka kanye nokudlala intenetya."

Wahamba waya kugqirha wakhe owa-fumisa ukuba uxinzelelo Iwegazi lakhe luphe-zulu kakhulu xa kuthelekiswa nobudala bakhe kwaye bakrokrela ukungasebenzi kakuhle kwezintso zakhe.

"Oogqirha bathatha umchamo wakhe owa-



UMosa Mphore ufumene elinye ithuba lokuphila oku kwenzeke ngenxa iyesipho esiyintso athe wasifumana. Ngoku uchitha lonke ixesha lakhe efundisa uluntu malunga nokunikela ngamalungu omzimba.

bonisa ubukho beprotheni eninzi. Izintso zam zazingasakwazi ukuluza iiprotheni nokunye ukungcola. Oku kwaqinisekisa sisibhedlele iChris Hani Baragwanath ukuba ngenene izintso zam sele zikwinqanaba lokugqibela lokungasebenzi konke konke."

"Oogqirha bandicacisela ukuba esi sifo sasibangelwa sisifo soxinzelelo Iwegazi oluphezulu endisifumene ngenxa yofuzo kuba ekaya baninzi abantu abahlutshwa sesi sifo."

UMphore uthe oogqirha bamxelela ukuba unethamsanqa ukuba abe usaphila."

"Ndalalisa esibhedlele iinyanya ezintathu kwaye ndafakwa kundayo lwe-haemodialysis ngoko nangoko."

Kule nkqubo yonyango nge-haemodialysis, umatshini uhlaza ukungcola, ityuwa kune nolwelo olusuka egazini xa izintso zingasasebenzi kakuhle ukuze zikwazi ukuwenza ngokwazo lo msebenzi ngokwanelisayo.

Unyango lwe-haemodialysis lolona luqhele-kileyo lokunyanga isifo sezintso esendeleyo nesele sihambele phambili.

NgokweSebe lezeMpilo unyang lwe-haemodialysis lunikezelwa kwizibhedlele ezahluki-leyo zikarhulumente kulo lonke eli, ezizezi: IsiBhedlele saseKimberley (eMntla Koloni), isiBhedlele saseKlerksdorp, isiBhedlele iJob Shimankana Tabane kune nesiBhedlele sePhondo saseMafikeng (eMntla Ntshona), isiBhedlele i-Universitas (eFreyistata), isiBhedlele iLivingstone kune neFrere eMpuma Koloni, isibhedlela iTygerburg, isiBhedlele saBantwana iRed Cross War Memorial kune neGroote Schuur (eNtshona Koloni).

Kwiphondo laKwaZulu-Natal, isibhedlele Inkosi Albert Luthuli sinyanga nge-haemodialysis, lo gama olu nyango lufumanekayo eGauteng kwizibhedlele i-Charlotte Maxeke, i-George Mukhari kune ne-Steve Biko Academic.

EMpumalanga, izibhedlele i-Rob Ferreira kune nesaseWitbank nazo zibonelela ngolu nyango.

UMphore uthe ubomi batshintsha kakhulu kuba wayesoloko egula engena ephuma e-

sibhedlele.

"Oku kwaqhubeka ndade ndaqalisa ngo-nyango lwe-dialysis ekhaya nto leyo nayo ya-yingamnandanga, ingakumbi xa kwakufuneka ndihlale kumatshini iiyure ezine ndihluzwa igazi."

"Ndafakwa kuluhlu lwezigulane ezilinde ukufakelwa izintso. Ndandibuva ubomi bam busimka kum kancinane futhi nezhilobo zindi-lahla. Kodwa ke noko ndandifumana inkxaso kusapho Iwam, abahlobo abambalwa abaso-ndele kakhulu kum kune nesinqandamathe sam."

Ngowama-2013 uMphore wenziwa uhaqho-fakelo lwentso.

"Kwandithatha iinyanya ezintathu ukuchacha emva koqhaqho-fakelo. Ngenxa yako konke endadlula kuko, ndaggiba ukuba ndi-nikezele ngobomi bam ndixhobisa malunga nokunikela ngamalungu omzimba ngokuthi ndibalise ibali lam kwaye ndifundise nabantu malunga nezifo ezinganyangekiyo."

UMBUTHO I-OPEN-EYE

Lo gama wayesibhedlele, uMphore wafunga ukuba uza kusindisa ubuncinane ubomi bomntu omnye kule ntlungu aze afundise uluntu malunga nezifo zezintso.

"Ndaseka uMbutho i-Open Eye, ongumbutho wezempiro nokufundisa uluntu ongenzi nzuzo nofundisa uluntu ngezifo ezinobungozi kune nezinganyangekiyo kwakunye nokubaluleka kokunikela ngamalungu omzimba."

Wongeze ngelithi ubomi buzele ngama-hlandinyuka kodwa unombulelo ngokufu-mana elinye ithuba lokuphila, elithe lamenza wanikezelu ngobomi bakhe efundisa abanye.

Ngeenkucacha ezithe vetshe malunga nokunikela ngamalungu omzimba, ndwendwela ku-www.odf.org.za okanye utsalele umnxeba kule nombolo ingahluwulelwayo: 0800 22 66 11.

Ekufuneka ukwazi malunga nokunikela ngamalungu omzimba



Noluthando Mkhize

Abantu abaninzi abazi ukuba ngokunikela ngamalungu omzimba emva kokuba uswelekile ungasindisa ubomi abantu abaninzi.

Kukho amawaka-waka abantu abalinde ukuba kubekho omnye umntu oza kunkela nge-lungu lomzimba ukuze bona baphile okanye baphile ubomi obuqhelelkileyo.

Imibutho efana ne-Organ Donation Foundation zibonelela uluntu ngoncedo kune nolwazi malunga nokunikezelu ngamalungu omzimba kune nemfuneko engxamisekileyo yokuba abantu babhalise njengabantu abaza kunkela ngamalungu omzimba.

U-Emlynn Roynie we-Organ Donor Foundation uthi ngoku kukho abantu abadala kune nabantwana abangaphenzulu kwama-4 300 abalinde ukufakelwa amalungu omzimba kune nenwebu yeliso eMzantsi Afrika.

"Into ebuhlungu yeypokuba, ngabantu abangaphantsi kwama-600 kwabo bantu abaza kufumana amalungu omzimba baze bafumane ithuba lesibini ebomini ngenxa yokunganeli kwamalungu omzimba ekunikezelwa ngawo. Sicela wonke ubani ukuba abhalise ukuze afake isandla kule ngxaki yokunqongophala kwabantu abanikela ngamalungu omzimba," utshilo uRoynie.

Nawuphi na umntu osempilweni nongenazo izifo ezinganyangekiyo ezinokosulela lowo uza kufumana ilungu lomzimba ang-

nkelwa njengomntu organikela ngamalungu omzimba.

Amalungu omzimba afana nentlizyo, isibindi kune nedlala lamas angasindisa ubomi babantu abathathu, lo gama izintso kune nemiphunga zinganceda abanye abane.

Akukho zindleko ngokunikela ngamalungu omzimba kwaye amalungu osapho akahlawuli nesenti ngonyango olunxulumene nokunikela ngamalungu omzimba.

Ndinganguye njani umntu onikela ngemicu yenama namalungu omzimba?

Ukuba ufuna ukuba ngumntu onikela ngamalungu omzimba tsalela umbutho i-Organ Donor Foundation kule nombolo ingahluwulelwayo: 0800 122 66 11, okanye ubhalise kwi-intanethi ku-www.odf.org.za

Hlala uphethe iKhadi lakho lokuNike-la ngamaLungu Omzimba esipajini sakho futhi uncamatisele uphawu lokuba ungumntu oNikezelu ngamaLungu oMzimba kwisazisi sakho kune nelayisenisi yakho yokuqhuba. Kubalulekile ukuba amalungu osapho Iwakho awazi umnqweno wakho kuba NGAPHANDLE kokuba usapho Iwakho iuvume ngemicu yenama namalungu omzimba wakho akunakunikelwa ngawo.

Khathalela izintso zakho

sifo sezintso esinganyangekiyo ngumbulali othe cwaka noqhubayo ukubulala amawaka-waka abantu kwihlabathi jikelele.

Inani labantu ekufuneka benyange-lwe izifo zezintso liyanda kwaye oku kubangela uxinzelelo olongezelekileyo kwinkqubo yezempilo eseles isindwa kakade ngumthwalo wayo.

Ukuze wonwabele ubomi obusempilweni kwaye ukuphephe ukuba nesifo sezintso kufuneka uzikhathalele izintso zakho.

Ngolwazi oluthe vetshe ngonyango lwe-Haemodialysis tsalela umnxeba kwezi nombolo zilandelayo:

**EMntla Koloni
Isibhedlele sePhondo saseKimberley 053 802 9111**

**EMntla Ntshona
Isibhedlele saseKlerksdorp 018 406 4600
Isibhedlele iJob Shimankana Tabane 014 590 5100
Isibhedlele sePhondo saseMafikeng 018 383 2005**

**EFreyistata
Isibhedlele i-Universitas 051 506 3500**

**EMpuma Koloni
Isibhedlele i-Frere 043 709 1111
Isibhedlele iLivingstone**

**041 405 9111
ENtshona Koloni
Isibhedlele iTygerburg - 021 938 4785/6
okanye 021 938 6595/6
Isibhedlele saBantwana iRed Cross War Memorial - 021 658 5111
Isibhedlele iGroote Schuur - 021 404 9111**

**KwaZulu-Natal
Isibhedlele Inkosi Albert Luthuli 031 240 1911**

**EGauteng
Isibhedlele i-Charlotte Maxeke - 011 488 4911
Isibhedlele iGeorge Mukhari - 012 529 3111
Isibhedlele iSteve Biko Academic 012 354 1702**

**EMpumalanga
Isibhedlele iRob Ferreira - 013 741 6100
Isibhedlele saseWitbank - 013 653 2000**

**ELimpopo
Isibhedlele sePhondo sasePolokwane 015 287 5000**

